Zemk' Inkomo Zetafa !

ZEZA NENKUNGU !! (1924)—(1925).

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Umnyak' omdala ngoku uyapela
Nzulu zo Bubele Kuwe sibulela
Ezingozini Osigcine sonke
Umnyaka wonke.

Zemk' Inkomo zetafa zeza nenkungu
Xa ndilapo intliziyo ibuhlungu
Angadukiswa kuyo namnye wetu
Ngokona kwetu.

Sahlukanise nobudenge betu
Ukulungise nokubamba kwetu
Uwalibale onke namatyala
Onyak' Omdala.

Nambi' i Afrika 'Ngawuyisikelele
Indlela zayo uzitamsanqele
Tintela ngoku yonke nemfundiso
Eyinkohliso.

Imbandezelo nempatwano kubi
Nezenziweyo into ke ezimbi
Kwinkohliswano nezibulalano
Ngauze ngo Mbono.

Zemk' Inkomo zetafa zeza nenkungu
Niti bayabona kodwa abelungu
Amehlo Omgwebi ekangele tina
Koba njanina ?

Wadlula umnyaka wemnka unendaba
Ezentshutshiso zona zodwi 'ndaba
Impitimpiti nezipazamisa ukudumisa

Camagu ! !

Ezobunzima obuse mhlabeni
Izinto zonke zenziweyo nini
Zaba Ntu bonke kanye neze mikwa
Ziyokubikwa.

Wadlula unyaka sowusishiyile
Nandzo nezitonga ziti sowumkile
Nendandaluko yokubuka omtsha
Oza ngentwentsha.

Nalo ke Ixilongo liyasibiza
Izulu nomhlaba, ulwandle, namaza
Nantso intlaka yitabate 1925
Ngayo sifefe.

Zemk' Inkomo zetafa zeza nenkungu
Ipina la nkwenkwezi yeza nomlungu
Eyati Indyebo ise zalwini
Sise mhlabeni.

Qiqa ! !

Zemk' Inkomo zetafa zeza nenkungu
Ise Afrika indyebo yabelungu
Saba nenkatazeko ke ngenxa yayo
Sangabafayo

Taru ! !

Wadlula Unyaka wemnka unendaba
Zalontshutshiso zona zodwi ndaba
Impitimpiti ezipazamisa
Nokudumisa.

Camagu ! ! !